




Kwidolophu endihlala kuyo kwakukho umama
owayesisityebi ekwakusithiwa nguAlina.

UAlina wayehlala kwipomakazi lendlu elihle.

Wayengonwabanga nangona wayenempumelelo.



Ngenye imini wayehambahamba kwipomakazi elo lakhe.


Wancuma akufikelwa zezi nginga, "Ndingathanda ukudibana nabantu abatsha. Mhlawumbi ndakudibana nabantu abanjalo xa ndiye eholideyini. Mhlawumbi ndingadibana nomntu okhethekileyo."



UAlina walungiselela iholideyi kwelona nxweme lihle
lolwandle kwelo lizwe.

Wayenemincili mhla kwafika usuku lwakhe lokuhamba.

Wafika wahlala ngokukhawuleza kwihotele ayikhethileyo
ukuze onwabele utyelelo lwakhe kule ndawo intle kangaka.



UAlina wayengqengqa elunxwemeni aphumle. Wayebukela abantu ababezihambela bemngqongile. Ngokukhawuleza wabona indoda ihamba nabantwana ababini.

Olu sapho lwalungakhangeleki ngokungathi lonwabile. Bonke babekhangeleka bengonwabanga. Abantwana babezidlalela ngokuthe cwaka.



UAlina wacinga, “Ndimangalisiwe ukuba kutheni belusizi nje nangona besendaweni entle kangaka?”

Ekuhambeni kwemini wayequbha edamini lehotele leyo ngeli xesha nabantwana bale ndoda bafikayo nabo bezokuqubha. UAlina waba nomdla waza waqalisa ukuncokola nabo.



Amagama aba bantwana yayinguKaremba noKazungu.
Baxelela uAlina ukuba leyo yayiyiholide yabo yokuqala oko
waswelekayo umama wabo.

Akudibana noyise wabo uAlina, wayibona intlungu kunye
nokulahlekelwa emehlweni ale ndoda. Igama layo
yayinguClemens.



UClemens, uAlina naba bantwana ngokukhawuleza balichitha kunye ixesha.

UKarembo noKazungu bakonwabela ukudlala noAlina kolo nxweme.

UAlina wabafundisa ukuluka iibhaskiti ngamagqabi omthi wesundu, wabafundisa indlela yokwenza iinqaba ngesanti.



Iintsuku zidlula bonke bonwabile kwelo langa.

UAlina wayengasafuni ukubuyela esithukuthezini
sepomakazi lakhe.


“Iholideyi yam iyaphela. Mhlawumbi ukuba ndingongezelela
iintsuku zam zokuhlala apha, andinakuziva ndinxunguphele
kangaka,” watsho emangalisiwe uAlina.



Ngobo busuku uAlina weva kunkqonkqozwa kancinci elucangweni lwakhe. Xa wayevula umnyango, wabona uKaremba noKazungu bemi emnyango.

Bathetha ngaxeshanye bathi, "Sifuna ube ngumama wethu!"

UAlina wayengazi ukuba angabaphendula njani na.




Emva kokuba bethethile, uAlina wangena egumbini lakhe lokulala. Ukubona abantwana bakhe bonwabile noAlina kwamenza wancuma uClemens.

Wabanga ebagona abantwana uAlina esithi zebalale kamnandi. UAlina wazixelela wathi, "Ndidibene nabantu abathathu abakhethekileyo."



Kusasa uAlina wahamba wayokudla isidlo sakusasa noClemens nabantwana bakhe. UKarembo noKazungu babanethemba elikhulu kuAlina ngeli xesha wayehlala nabo phantsi.

“Ingaba ikhona into eyenzekayo?” wabuza uClemens encumile ejonge inkangeleko yobuso babantwana bakhe.



Emva konyaka omnye, uAlina noClemens babesele betshatile!

Qho ngonyaka olu sapho belutyelela kolwaa nxweme luhle bevuyisana nokuhlangana kwabo kwisihlandlo sokuqala.

Babedlala emanzini besenza iinqaba ngesanti njengoko babezenza ukuqala kwabo ukuhlangana.